



Inombolo yefayili: 20/3/13
Isalathiso: 20231123-142

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0014/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zamaziko okubhalela iimviwo karhulumente nawezikolo ezizimeleyo

ISihloko: Ukuthathwa kokugqibela (“final collection sweep”) kwazo zonke izikriphthi zeempendulo zoviwo nemathiriyeli yeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2023

1. Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate (NSC)*) zangoNovemba 2023 zigqitywa ngokusemthethweni ngowe-05 Disemba 2023. Ikhuriya iya kuba iqala ukuthatha izikriphthi zeempendulo okokugqibela, zeemviwo ezibhalwe kwiveki edlulileyo, ukususela ngoMvulo we-04 ukuya kowe-06 Disemba 2023.
2. Ukubhalwa kwakhona kwe-*Computer Application Technology P1 ne-Information Technology P1* kucwangciselwe uLwesithathu we-06 Disemba 2023 ukususela ngo-09:00 ukuya ku-12:00. Ezi zikriphthi ziya kuthathwa ezikolweni ukususela ngowe-06 Disemba 2023.
3. Iinkonzo zekhuriya ziya kuqala ukuqokelela naziphi na izikriphthi zokugqibela okanye ezingekathathwa ngoLwesithathu we-06 Disemba 2023, ukususela kwakusasa ngo-08:00 ukuqinisekisa ukuba zifikelela kuzo zonke izikolo/kuwo onke amaziko okubhalela uviwo ayi-460 engadlulanga u-12:00. Lo gama kuya kwenziwa zonke iinzame ukuthatha yonke imathiriyeli yoviwo engadlulanga u-12:00, kucelwa zonke izikolo/onke amaziko okubhalela uviwo neenqununu ukuba bancedise iYunithi yeeMviwo (*Examination Unit*) ukuqinisekisa ukuba zonke izikriphthi zeempendulo nemathiriyeli yoviwo inikezelwe kwikhuriya phambi kokuphela kosuku lwesikolo.
4. Ukuba ikhuriya ifika emva kwexesha ngaso nasiphi na isizathu, kucelwa ukuba inqununu ihlale isesikolweni ide ikhuriya ibe izithathile izikriphthi zeempendulo nemathiriyeli yoviwo. Inqununu **mayiqhagamshelane** neYunithi yeeMviwo kwakubakho naziphi na iingxaki malunga nokuthathwa kokugqibela kwezikriphthi zeempendulo nemathiriyeli yoviwo.

5. Ukongeza kuyo yonke imathiriyeli yoviwo emayibuyiselwe kwaNdlunkulu weSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED), kucelwa niyibuyise ne-*electronic GLAM key* ngokunjalo.
6. Ukulungiselela ukubuyiswa kwemathiriyeli makuqinisekiswa ukuba kuqukwa oku kulandelayo:
 - Zonke iimakhishithi ezingekangeniswa neerejista ii-*script control registers*: izikriphthi ezifakwe kwiibhetshi neemakhishithi zabangekhoyo ("999" mark sheets).
 - Zonke izicwangciso zokuhlaliswa kwabaviwa ezingekangeniswa (*outstanding seating plans*.)
 - Zonke iincwadi zeempendulo ezimoshakeleyo nezingasetyenziswa.
 - Zonke izinto zokubhala zoviwo ezingasetyenziswa (iingxowa zeplastikhi zangaphakathi, iingxowa zangaphandle zekhuriya, ii-*wrappers*, njl.)
 - Makuqinisekiswa ukuba AKUKHO ZIKRIPHTHI zishiywe kwisefu yesikolo/yeziko lokubhalela uviwo okanye kwigumbi elinqatyisiweyo.
7. Ukwenzela ukubuyisela i-*electronic GLAM key*, kucelwa niqinisekise oku kulandelayo:
 - I-*electronic GLAM key* nazo zonke iitshaja zifakwa kwikheyisi zazo zentsusa (*original casing*) (*black plastic case*).
 - Musa ukuyibuyisa i-*electronic GLAM key* ngaphandle kwekheyisi (*casing*)
 - I-*electronic GLAM key*, ikwi-*casing* yayo, mayifakwe kwingxowa yangaphandle yekhuriya.
8. KUBALULEKILE KAKHULU ukuba zonke ii-*electronic GLAM keys*, izikriphthi zeempendulo nemathiriyeli yoviwo engekabuyiswa, mazibuyiselwe kwaNdlunkulu weSebe iWCED ungalulanga owe-06 Disembe 2023.
9. Niyacelwa nizalise le fom "*Confirmation of Final Collection*" form" (isiHlomelo A) eqhotyoshelweyo nokuthathwa kwezikriphthi zokugqibela zenu nemathiriyeli yoviwo. Ikopi yefom ezalisiweyo "*Confirmation of Final Collection*" form (Annexure A)", kufuneka ithunyelwe nge-imeyili kulo: Rashaad.Martin@westerncape.gov.za yaye ikopi eprintiweyo kufuneka igcinwe kwifayili ukulungiselela iinjongo zokuphicothwa kweencwadi.
10. Ukuba kukho imibuzo engaphezulu, makuqhagamshelwane nala magosa eSebe iWCED:

a) Bronwyn Calvert	021 467 2994
b) Mfana Dyasi	021 467 9328
c) Rashaad Martin	021 467 2967
d) Lesley-Anne Lategan	021 467 2921
e) Merle Ludick	021 467 2246

11. Okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane makwaziswe bonke abasebenzi abenza umsebenzi wokusingathwa kweemviwo ze-NSC zangoNovemba-2023 ezikolweni/kumaziko okubhalela uviwo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-11-28